William Marrion Branham

Umthunywa

Ke ngemihla yezwi lesesixhenxe isithunywa…

Izityh 10:7

IZIQULATHISO

1 Umprofeti?

5 Isithembiso Ngomprofeti Kwimihla Yokugqibela

9 Isiqalo

12 Iminyaka Yobutsha

22 Intsika Yomlilo

28 Iimfihlakalo Zityhiliwe

32 Izalathiso

IVoice Of God Recordings, Inc. lolungaphandle kobuhlelo ulungiselelo oluzimisele ekuhambiseleni phambili iVangeli yeNkosi uYesu Kristu. Kungumthandazo wethu ukuba lencwadana iyakuba yintsikelelo kuwe kwaye iyakunika ukuqonda okungcono ngeyure ephelayo esiphila kuyo.

© 2016 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

UMPROFETI?

EBhayibhileni, uThixo wasoloko ezisa uMyalezo Wakhe ebantwini behlabathi ngomprofeti wesigaba. Wathetha kuMosis ngetyholo elivuthayo kwaye wamnika umyalelo wokukhokela amaHebhere awakhuphe eYiphutha. Ebonakalayo iNtsika yoMlilo kunye neminye imiqondiso yanikezelwa ukungqinela ulungiselelo lwakhe. UYohane umBhaptizi wazisa uMyalezo esenza ihlabathi lilungele ukuza kukaMesiya. Ngelixa ebhaptiza iNkosi uYesu kuMlambo iYordane, iLizwi lisuka eZulwini langqinisisa umyalelo kaYohane wokwazisa iMvana kaThixo, "Lo nguNyana Wam oyintanda, Endikholisiweyo nguye." Emva kweminyaka; iLizwi leNkosi laviwa kwakhona lithetha kumprofeti xa Wathetha kuPawulos ngokuKhanya okuphandlayo, kwaza kamva kwamnika umyalelo wokubeka amabandla kulungelelwano. Kuyo yonke Entsha neNdala iTestamente, uThixo akazange athethe ebantwini Bakhe ngenkqubo yobuhlelo okanye imibutho yezenkolo. Wasoloko ethetha ebantwini ngomntu omnye: umprofeti Wakhe. Kwaye Wabangqinela aba baprofeti ngimiqondiso engaphezulu kwendalo.

Ke malunga naphi namhlanje? Ingaba uThixo utyhila iLizwi Lakhe kumprofeti? Ingaba isekhona imiqondiso engaphezu kwendalo? Ingaba uThixo angathumela owalemihla umprofeti ehlabathini? Impendulo eqinisekisiweyo,

"Ewe!"

Ke sakwazi njani xa umprofeti evela? Uyakukhangeleka njani? Uyakwenza njani? Yintoni umqondiso ayakusinika wona? Sesiphi iSibhalo ayakusizalisekisa?

Abaprofeti bakudala yayingamadoda akhaliphileyo kaThixo, kwaye ayengoyiki ukuma ngokuchaseneyo nemibutho yezenkolo. Eneneni, babesoloko bephantse

bathiywa ngabefundisi. U-Eliya wacela umngeni imibutho yezenkolo yomhla wakhe, ebabuza okokuba uThixo uyakuwuhlonipha umnikelo wabo, okanye owakhe. Bakhwaza. Baprofeta. Baxhumaxhuma phezu kwesibingelelo. Bazisika ngeemela. Kodwa uThixo akazange abeve. U-Eliya wakhangela phezulu eZulwini wathi, "Makwazeke ngalo mhla ukuba wena unguThixo kwaSirayeli, kwaye mna ndingumkhonzi wakho, kwaye ndizenze zonke ezi zinto ngokwelizwi lakho." Waza emva koko wabiza umlilo eZulwini ukuba udle umnikelo. UMikaya umprofeti wamelana noKumkani wakwaSirayeli, kunye nobubingeleli bonke, xa wakhalimela uMbingeleli oMkhulu uZedekiya ngokuprofeta ubuxoki. UMbingeleli oMkhulu wamqhwaba ngempama waza uKumkani wamvalela ngenxa yokuthetha inyaniso. Nkqu neNkosi uYesu yayithiyiwe kakhulu yimibutho yezenkolo yemihla Yakhe eyambethelelayo Yena emnqamlezweni ecaleni kwezikhohlakeleyo izihange. Ukuba imbali inyanisekile, umprofeti uyakuthiywa zinqubo zamahlelo alemihla, kwaye uyakubizwa njengesiphambusa, umprofeti wobuxoki, nokubi kakhulu. Kodwa uThixo wayeyakuma ngakumkhonzi Wakhe.

Ukuba kwakhe kwakho umprofeti kulemini yanamhlanje, ebeyakwamkelwa njani yiCawa yobuKatolika? ICawa iBhaptizi? ICawa yobuLutere? Naliphi ihlelo?

INkosi uYesu yayalela bonke abakholwayo kuYe: *"Kwaye le miqondiso iyakulandelelana nabo abakholwayo; Egameni lam bayakukhupha iidemoni; bayakuthetha ngeelwimi ezintsha; Bayakuphatha iinyoka; kwaye ukuba basele nantoni ebulalayo, ayisayi kubenzakalisa; bayakubeka izandla phezu kwabagulayo, baze baphiliswe."* (Marko 16:17-18). Ingaba esi Sibhalo sinyanisekile namhlanje? Ukuba asinyanisanga, aphelelwe nini aMazwi eNkosi? Kuyo yonke iBhayibhile, abaprofeti babekwazi ukuphilisa abagulayo, ukukhuphha iidemoni, nokwenza imimangaliso. UMoses wabeka inyoka yobhedu phambi

kwabantu bakaSirayeli ukuze baphiliswe ekulunyweni ziinyoka ezinobuhlungu. (Numeri 21:9). UNahaman, umSiriya oligorha, waza ku Eliya ukuze aphiliswe kwiqhenqa (II Ookumkani 5:9). Xa umfana wawa wafa esuka kwifestile ephezulu, umpostile uPawulos wamwola waza wabuyisela ubomi kumzimba ofileyo (IZenzo 20:10). Sinengxelo ebhaliweyo emalunga ne 3½ yeminyaka yobomi beNkosi yethu uYesu, kodwa ngayo lo minyaka imbalwa, Waqhubekeka ephilisa abagulayo. Imfama zenziwa zabona. Abaneqhenqe baphiliswa. Izithulu zafumana ukuva kwazo. Iziqhwala zahamba. Lonke uhlobo lwesigulo lwaphiliswa (Matt 4:23).

Kananjalo uThixo wangqinela abaprofeti bakhe ngezinye iindlela ngaphandle kwempiliso. Nezona zinqatyisiweyo iimfihlakalo zentliziyo zenziwe zaziwa kula madoda kaThixo. Ukumkani uNebhukadnetsare wayenephupha elimhluphayo, kodwa wayengenakho ukukhumbula ukuba lalimalunga nantoni. Umprofeti uDaniyeli wamxelela ukumkani kokubini iphupha kunye nesiprofeto esasilandela (Dan 2:28). Akukho nto yayifihlakele kuSolomon xa iKumkanikazi yaseShebha yeza phambi kwakhe. Wayezaliswe kakhulu nguMoya ukude amxelele imibuzo yentliziyo yakhe *ngaphambi* kokuba ayibuze (I Ookumkani 10:3). U-Elisha wamxelela uKumkani wakwaSirayeli onke amacebo oKumkani waseSiriya, nkqu ukuya kumazwi asemfihlekweni kwigumbi lakhe lokulala (II Ookumkani 6:12).

Ngazo izenzo Zakhe, iNkosi uYesu ivamise ukubonakalisa ukuba uMoya wokucalula nguMoya kaKristu. Wacalula isimo sikaNathaniyeli xa Wathi, “Nanko umSirayeli inyaniso, ekungekho nkohliso kuye!” Kwaye uYesu waqhubeka wamxelela uNathaniyeli apho wayekho xa uFiliphu wamxelela malunga noMesiya (Yohane 1:48). Xa uNathaniyeli wabonayo ukuba uYesu wayeyazi intliziyo yakhe, wamqonda Yena kwangoko ukuba nguKristu. Ityeli lokuqala uYesu ebona uPetros, Wamxelela igama likatata wakhe, uYona (Yohane 1:42). Emva koko uPetros

washiya konke waza walandela uYesu ubomi bakhe bonke. UYesu wadibana nentokazi yomSamariya equleni waza wayixelela ngezono zayo ezidlulileyo. Amazwi ayo okuqala, “Mhlekazi, ndiyabona ukuba wena unguye umprofeti” (Yohane 4:19). Sonke esi sithathu saba bantu babesuka kwindlela ezahlukeneyo zobomi, kodwa ngokukhawuleza bamqonda uYesu xa Wabonakalisa isipho sokucalula.

Ingaba esi sipho sanyamalala xa iphepha lokugqibela eBhayibhileni labhalwayo? Ukuba le miqondiso ibhalwe ngokucacileyo eBhayibhileni, iphi namhlanje? Umprofeti walo mhla uyakungqinelwa ngokuqinisekileyo ngemimangaliso.

Ingaba uThixo ubalibele abantu Bakhe? Ingaba Usenakho ukuphilisa abagulayo? Ingaba Usathetha kuthi ngabaprofeti Bakhe? Ingaba ukho kubaprofeti owakhe wawubona lomhla?

Ingaba kukho iziprofeto ekusafanele zizaliseke?

ISITHEMBISO NGOMPROFETI KWIMIHLA YOKUGQIBELA

Awona mazwi abhaliweyo kwiTestamente Endala anika isithembiso: **"Yabonani, Ndiyakunithumela u-Eliya umprofeti phambi kokufika kwemini eyoyikekayo kaYEHOVA: Kwaye uyakubuyisela iintliziyo zooyise kubantwana, neentliziyo zabantwana kooyise, hleze ndize Ndilitshabalalise ihlabathi ngesiqalekiso."** (Mal 4:5-6)

Imini enkulu neyoyikekayo yeNkosi kusafanele ifike, ke kufanele sikhangele umprofeti u-Eliya ngokunyanisekileyo. EBhayibhileni, abaprofeti zange baze kweka wonke-wonke imibutho yezenkolo. Baza kwakhethiweyo abambalwa. Khawufane ucinge ukuba umprofeti ka Malaki wesi-4 waza, kwaye bamphosa. Kungathini ukuba ufana nabaprofeti bakudala, kwaye iqaqobana labantu bamqonde yena? Ukuba lo mprofeti kufanele abuye kumhla wokugqibela, siyakumazi njani? Impendulo ibonakala ngokucacileyo eZibhalweni. Uyakuba nesimo somprofeti. Uyakwazi iimfihlelo zentliziyo. Uyakwenza imimangaliso. Imibutho yezenkolo iyakuzama ukumnyelisa. Kodwa kuyakubakho abambalwa abayakumqonda njengothenjisiweyo umthunywa walo mhla.

Siyakwazi njani xa u-Eliya ebuya? Mpawu zini ayakuzibonakalisa ukuze simqonde?

U-Eliya wayeyindoda yasezindle. Imiqondiso emikhulu nezimanga yalandelelana nolungiselelo lwakhe. Washumayela ngokuchaseneyo nobubi bomhla wakhe. Washumayela ngokukhethekileyo ngokuchaseneyo noKumkanikazi uJezebhele. Xa u-Eliya wanyuselwa eZulwini ngenqwelo yomlilo, umoya wakhe wawela ku Elisha. Imiqondiso emikhulu nezimanga yaphawula ulungiselelo luka Elisha, kwaye naye washumayela

ngokuchaseneyo nesono sehlabathi. Bobani aba baprofeti bema bodwa ngokuchaseneyo nemibutho yezenkolo yawo loo mhla. Amakhulu eminyaka kamva, umoya okwamnye wabuyela emhlabeni ngoYohane umBhaptizi. Umprofeti uMalaki waqikelela ukuba u-Eliya uyakubuya azokwazisa iNkosi: *"Bonani, Ndiyakuthumela umthunywa wam, kwaye uyakulungisa indlela phambi kwam..."* (Malaki 3:1). UYohane umBhaptizi wayenyanisile njengoko wabiza inguquko kubantwana bakaThixo. Njengo Eliya, washumayela ngokuchaseneyo nokumkani neyaloo mihla imibutho yezenkolo. INkosi uYesu wangqinisisa ukuba uYohane umBhaptizi wayengumprofeti kaMalaki isi-3 kwiNcwadi kaMateyu (11:10): *"Ngokuba nguye lo, kubhaliweyo ngaye, Bonani, Ndithumela umthunywa wam phambi kobuso bakho, yena uyakulungisa indlela yakho phambi kwakho."* ULuka 1:17 uyatsho ukuba umoya ka Eliya (Elias) wawuzakuba kuYohane umBhaptizi, *"Kwaye uyakuhamba phambi kwakhe ngomoya nangamandla ka Eliya, ukuze abuyisele iintliziyo zooyise kubantwana."* Kodwa qwasela ukuba indawo yesibini kaMalaki isi-4 kusafuneka izaliseke: *"…neentliziyo zabantwana kooyise, hleze Ndifike ndilitshabalalise ihlabathi ngesiqalekiso."* La ndawo yeSibhalo iyakuza phambi koKuza kweSibini kukaKristu.

Amawaka amabini eminyaka emva koYohane umBhaptizi, lixesha kwakhona lokuba umoya ka Eliya ubuyele emhlabeni.

Lo mhla ufikile! Kwesi sigaba, siwubonile umoya ka Eliya ubuya. Uchasene nenqubo yalemihla yobuhlelo. Ume ngokuchaseneyo nehlabathi. Ubonise engabalekiyo imiqondiso nezimanga. Ushumayele iBhayibhile ilizwi nelizwi ukusuka kwiGenesis ukuya kwiZityhilelo. Umprofeti kaMalaki isi-4 uze njengoko ebethenjisiwe, kwaye uzise uMyalezo osuka eTroneni kaThixo uSomandla. Igama laloo mprofeti ngu **William Marrion Branham**. Simbiza ngo "Mzalwana uBranham."

"UWilliam Branham, lowo ndimthandayo nendikholelwayo ukuba ngumprofeti kaThixo." U-Oral Roberts, ovunyiwe lihlabathi umvangeli nomseki we Oral Roberts University.

"UWilliam Branham weza ngendlela yethu njengomprofeti kaThixo kwaye wasibonisa kwinkulungwana yamashumi amabini ncakasana kwa izinto ezinye esasiziboniswe kwiiVangeli…UThixo ubahambele abantu Bakhe, ngokuba umprofeti omkhulu uvukile phakathi kwethu." Gqir. T.L. Osborn, umvangeli wakwaMoya nobalaseleyo umbhali.

"Ngaphambi kokuthandazela umntu, ubeya kunika ezichanekileyo iinkcukacha ngokubhekiselele kwisigulo somntu, kananjalo neenkcukacha zobomi babo-iidolophu abasuka kuzo, izinto abazenzayo, izenzo-nkqu nasemva kakhulu kubuntwana babo. UBranham zange nakanye wenza impazamo ngelizwi lolwazi kuyo yonke iminyaka ndandinaye. Oko kuqukumbela, kwindawo yam, amawaka eziganeko." Ern Baxter, umvangeli, umphathi weMikhankaso kaBranham iminyaka esixhenxe, nomnye wabaseki bokuqala be British New Church Movement.

Akuzange ukusukela oko iNkosi uYesu Kristu wahamba emhlabeni kwabakho indoda ekhe yalichaphazela ihlabathi ngeyona ndlela yakhe yagqwesa. Ukusuka kwisiqalo esithobekileyo kwityotyombe eligumbi linye kwiinduli zaseKentucky, ukuya kwi Amarillo Texas apho iNkosi yamthabathela kwiKhaya lakhe, ubomi bakhe babusoloko buphawulwe ngeziganeko ezingaphezu kwendalo. Ngenkokhelo yeNgelosi yeNkosi ngowe-1946, ulungiselelo luka Mzalwana uBranham lwaveza iintlantsi ezaphemba isigaba esikhulu seemvuselelo zeempiliso ezatshayela ukunqumleza iMerika nelizwe jikelele. Kude kube ngulo mhla, uyavunywa ngabambali bembali yobuKristu njengo "yise" no "mseki zinga" wemvuselelo yempiliso yowe-1950 eyaguqula iBandla lakwaMoya yaze ngokunjalo yakhokelela ekuqaleni kwenomtsalane iNtshukumo, zona ezo namhlanje ezinempembelelo phantse kuwo onke

amahlelo obuProtestanti. Nakubeni kunjalo, ukuchaza inyani, amahlelo ayazinyemba iimfundiso zakhe kwaye ayawuphika umyalelo wakhe.

Naphina apho aya khona, uThixo wangqina ukuba uMzalwana uBranham ngumprofeti kwesi sizukulwana. Njengo Yobhi, iNkosi yathetha naye kwisaqhwithi somoya. Njengo Moses, iNtsika yoMlilo yabonwa imkhokela. Njengo Mikaya, wayethiyiwe ngabefundisi. Njengo Eliya, wayeyindoda yasezindle. Njengo Jeremiya, wayeyalelwe yiNgelosi. Njengo Daniyeli, wabona imibono yexesha elizayo. Njenge Nkosi uYesu, wazazi iimfihlakalo zeentliziyo. Kwaye njengo Pawulos, waphilisa abagulayo.

INkosi kwakhona ibahambele abantu Bayo ngomprofeti. Kwelona xesha lakhe lamnyama kwimbali, apho izimilo zizikele kwiinzulu engazange yabonwa ngaphambili nezikhali ezimandlakazi okutshabalalisa zingxangile, indoda ethobekileyo yathunyelwa isuka ebukhoneni bukaThixo ukuza kubizela kwiguquko uhlanga olubhubhayo.

Othandekayo umfundi onguYohane wabhala malunga neNkosi uYesu:

Kwaye zikhona kananjalo nezininzi izinto awathi wazenza uYesu, zona ezo, ukuba bezinokubhalwa zonke ngazinye, ndiyaqikelela ukuba nkqu nehlabathi ngokwalo belingenakho ukuziphatha iincwadi ebezinokubhalwa. Amen. (Yohane 21:25)

Kwa into ekwanye ingatshiwo malunga nobomi buka Mzalwana uBranham. Kukho okungaphezulu kwama-1,200 eentshumayelo ezishicilelweyo kubandakanya namawaka amabali malunga nobomi beligorha lendoda. Nakubeni kunjalo sisaqhubeka sisiva ubugqina obutsha bempembelelo yakhe kubomi bezigidi zabantu. Le ncwadana ayisokuze ibenakho ukutyhila neqweqwe lwegalelo le ndoda kaThixo ebenalo elizweni.

ISIQALO

"Xa ndandizalwa kwityotyombana elincinci eKentucky phezulu phaya, iNgelosi yeNkosi yeza efestileni yaza yema phaya. Kwakukho iNtsika yoMlilo."

Ukusa kwakuqala ukuqhekeza ubumnyama besipholileyo isibhabhaka sika Epreli. Eyodwa, yeplanga ifestile yayivulekile ukuvulela oku kukhanya kwakusasa kungene kweligumbi linye ityotyombe elincinci. Ihlungulu limi ngasefestileni likhangeleka lithabathekile ngokukhethekileyo ngalentsasa kwaye laliculela phezulu kakhulu. Ngaphakathi etyotyombeni, osemtsha uCharles Branham efake izandla zakhe kweyakhe entsha i-ovarolo kwaye ejonge ezantsi kowakhe onama-15 eminyaka umfazi. "Siyakumbiza ngegama lika William," watsho utata.

Kweza ukuKhanya okungaphezu kwendalo efestileni. UkuKhanya kwahamba apha egumbini kwaza kwandanda phezu kwebhedi apho usana lwalusandula ukuzalelwa. Oko kukuKhanya okwakukunye okwakhupha abantwana bamaHebhere eYiphutha. YayikuKukhanya okunye okwahlangana noPawulos endleleni yakhe eya eDamasko. Kwaya Kona kwakuzakuhamba kukhokele olu sana luncinci ukuya kubiza uMtshakazi kaKristu aphume ehlabathini. Okwa kuKhanya kwakungeyonto yimbi ngaphandle kokuba yiNgelosi yeNkosi, iNtsika yoMlilo; kwaye Yona iphindile kwakhona yabonakala endodeni.

Kwaye khona phaya, kulomkhukhu wetyotyombe elincinci, ngala ntsasa ngo Apreli wesi-6, umbelekisi wavula ifestile ukuze ukukhanya kukhanyise ngaphakathi ukwenzela ukuba uMama noTata babone ukuba ndandikhangeleka njani. Emva koko ukuKhanya malunga nomlinganiselo womqamelelo kweza kusenza isaqhwithi ngefestile. Kwajikeleza apho ndandikho, kwaza kwehlela ebhedini. Abaninzi abantu basezintabeni babemile phaya. Babelila.

Indawo yokuzalelwa kuka William Branham, Burkesville, KY.

Ikhaya eliphantsi lalisezindulini zasemazantsi eKentucky, kufuphi nedolophana encinci yase Burkesville. Umhla yayingu Apreli wesi-6, 1909. Usana lwalulolokuqala kwabalishumi ababezakuzalwa nguCharles no Ella Branham.

Kwakungekudala ngaphambi kokuba iNgelosi yeNkosi ityelele omncinci uWilliam Branham kwakhona.

Xa wayengumntwana omcinci, iNgelosi yaqalisa ukuthetha naye, isithi uyakuhlala ubomi bakhe kufuphi nesixeko esibizwa iNew Albany. Waya endlwini waxelela unina oko kwakusandula ukwenzeka. Njengaye wonke umama, zange acinge nzulu ngebali waza wamlalisa ukumthoboza ezo mvakalelo zakhe zincinci. Emva kweminyaka emibini, usapho lwakhe lwandulukela eJeffersonville, Indiana, nje imayile ezimbalwa ukusuka kumazantsi esixeko i-Indiana ye New Albany.

Ingelosi kwakhona yathetha nomprofeti omncinci kwiminyaka embalwa kamva. Yayingumhla ozolileyo kaSeptemba kukho elifudumeleyo elikhanyisayo ilanga kumagqabi amibalabala asekwindla. Inkwenkwana yayijingxela njengoko yayiphethe amabhakethi amabini amanzi ukuhla ngendledlana. Umpha wawubotshelelwe phantsi kobhontsi owonzakeleyo ukuwugcina kude ebumdakeni. Yahlala phantsi ukuba iphumle kumthunzi

womthi omde wommpampiri. Iinyembezi zazisihla ukusuka emehlweni akhe njengoko wayelilela ilishwa lakhe: Abahlobo bakhe babonwabile kumngxuma okwalapho wokuloba, kwaye yena wayebambekile ethuthela uyise amanzi. Ngesiquphe, umoya waqalisa ukujikeleza emthini ngasentla kwakhe. Wasula amehlo akhe wema ngenyawo. Wava isandi samagqabi sivuthelana emoyeni… kodwa kwakungekho moya. Wakhangela phezulu, kwaye malunga nesiqingatha emthini wommpampiri, into ethile yayijikelezisa amagqabi awomileyo.

Ngesiquphe iZwi lathetha, "Ungaseli okanye utshaye okanye ungcolise umzimba wakho nangayiphi indlela, kuyakubakho umsebenzi oyakufanele uwenza wakuba mdala." Eyoyikayo inkwenkwe eminyaka isixhenxe yalahla amabhakethi yabalekela kunina.

Njengo Samuweli, uThixo uphindile kwakhona wathetha kumntwana.

Kwiveki ezimbalwa kamva, wayedlala amabhastile kunye nomninawa wakhe. Imvakalelo engaqhelekanga yamfikela. Wajonga ngaphaya phezu koMlambo i-Ohio waza wabona ibhulorho entle. Amadoda alishumi elinesithandathu awa afa njengoko ibhulorho yayinqumla umlambo. Umprofeti omncinci wayewubonile umbono wakhe wokuqala. Waxelela unina, kwaye unina wabhala phantsi eli bali lakhe. Kwiminyaka kamva, amadoda ali-16 awa afa njengoko ibhulorho iSecond Street eLouisville, Kentucky yayisakhiwa phezu koMlambo i-Ohio.

INkosi yayibonisa yena imibono yexesha elizayo. Kwaye njengabaprofeti ngaphambi kwakhe,

imibono zange yasilela.

IMINYAKA YOBUTSHA

Kubomi bakhe bonke, uMzalwana uBranham wayenqwenela ukuba sentlango. Kwiminyaka eli-18, washiya i-Indiana ukuya kwezigqwabalala iintaba zasentshona. Ukuhlala kwakhe e-Arizona zange kuhambeli phi de wanyanzeleka ukuba abuyele.

Ngenye imini ndagqiba ukuba ndandiyifumene indlela yokwahlukana nolwabizo. Ndandisiya entshona ukuya kusebenza kwifama enkulu. Sihlobo, uThixo mkhulu phandle phaya ngohlobo olunye Alulo nakweyiphi indawo. Wanga ungahluma ngamava am. Xa ekubiza, mphendule Yena.

Ngenye intsasa kaSeptemba kunyaka ka 1927, ndaxelela umama ukuba ndandisiya kwiholide yasezindle eTunnel Mill, leyo imalunga neemayile ezilishumi elinesine ukusuka eJeffersonville apho sasihlala khona ngelo xesha. Ndandisele ndicwangcisele uhambo oluya e-Arizona kunye nabahlobo abathile. Xa umama weva kum kwakhona, ndindingekho eTunnel Mill kodwa ePhoenix, e-Arizona, ndibaleka ukumka kuThixo woThando. Ubomi kwifama enkulu babumnandi kakhulu okwexeshana, kodwa kwamsinyane baguga, njengabo bonke nabuphina ubumnandi behlabathi. Kodwa ndingakutsho na apha, Makabongwe uThixo, ngokuba amava ngoYesu akhula ngobumnandi nobumnandi lonke ixesha kwaye awasokuze aguge. UYesu unika uxolo olugqibeleleyo nentuthuzelo okokoko.

Amaxesha amaninzi ndivile umoya ubhudla kwimithi emikhulu. Bekukhangeleka ngokungathi ndingaliva iZwi Lakhe libiza kude phaya emahlathini, lisithi, "Adam, uphi na?" Inkwenkwezi zikhangeleka zikufuphi kakhulu de ube nokuzichola ngesandla sakho. UThixo ukhangeleka ekufutshane kakhulu.

Inye ingxaki malunga nela lizwe zindlela entlango. Ukuba ukhe waphuma endleleni, ulahleka lula. Amaxesha amaninzi abatyeleli babuka intyantyambo

ezincinci zasentlango baze baphume ecaleni endleleni ephakamileyo ukuya kuzikha. Babhadule entlango baze balahleke kwaye maxa wambi bafe lunxano. Kunjalo nakwindlela yobuKristu – uThixo yindlela ephakamileyo. UThetha ngayo ku Isaya, yesahluko sama-35. Ibizwa "Indlela ephakamileyo yobuNgcwele." Amaxa amaninzi ubumnandi belizwe buyakutsalela ecaleni bukukhuphe kwindlela ephakamileyo. Uze ulahlekelwe ngamava akho noThixo. Entlango xa ulahlekile, phaya ngamaxa athile kubonakala inkohliso. Ebantwini abafayo lunxano, inkohliso iyakuba ngumlambo okanye ichibi. Ngamaxa amaninzi babalekela kuwo baze baqhatheka bafumane ukuba bantyumpa-ntyumpeka entlabathini eshushu. Ngamanye amaxa umtyholi ukubonisa athi lixesha elimnandi. Oko yinkohliso nje, iyinto engeyonto yenene. Ukuba uyamamela uyakuzifumana ufumba iinkxwaleko entlokweni yakho. Sukummamela yena, mfundi othandekayo. Kholelwa uYesu okunika amanzi angawokuphila kwabo abalambileyo nabanxaniweyo.

Ngenye imini ndafumana imbhalelwano esuka ekhaya indixelela ukuba omnye wabantakwethu wayegula kakhulu. Yayingu Edward, ondelekelayo. Kakade zange ndiyithathela ngqalelo, ngoko ndakholelwa ukuba uyakuphila. Kodwa ngobunye ubusuku kwiintsuku ezimbalwa kamva xa ndandibuya edolophini njengoko ndandigqitha kwiholo lokudlela kwifama enkulu, ndabona iphepha phezu kwetafile. Ndalithabatha. Ndalifunda, "Bill, yiza ngaphandle kwidlelo lasentla. Ibalulekile kakhulu." Emva kokuba ndiwufundile umbhalo mna nomhlobo sahamba saya ngaphandle edlelweni. Umntu wokuqala endadibana naye yayiyendala iLone Star Ranger eyayisebenza kwifama enkulu. Igama layo yayinguDurfy, kodwa sasimbiza ngo "Pop." Wayenenkangeleko embi ebusweni bakhe njengoko wathi, "Billy nkwenkwe, ndineendaba ezimbi ngawe." Ngelo xesha umphathi emsebenzini wahamba weza. Bandixelela ukuba ucingo belisandula ukufika, lindixelela ngokufa komntwakwethu.

Sihlobo esithandekayo, okwethutyana ndandingakwazi ukushukuma. Yayikukufa kokuqala kwikhaya lethu.

Kodwa ndifuna ukutsho ukuba into yokuqala endacinga ngayo yeyokuba ingaba wayekulungele ukufa. Njengoko ndandijika ndijonga ukunqumleza ithafa elityheli, iinyembezi zehla ngezidlele. Indlela endandikhumbula uhlobo esasisokolo sobabini xa sasisengamakhwenkwana nohlobo ekwakuyiyo ukubanzima kuthi.

Sasisiya esikolweni kunzima nokuba sibe nokutya okwaneleyo. Inzwane zazingaphandle kwezihlangu kwaye kwakufuneka sinxibe iidyasi ezindala eziqhotyoshelwe entanyeni kuba sasingenazihempe ngaphantsi. Indlela endikhumbula ngayo futhi ngenye imini uMama weyenamaqhashu kwibhakethi elincinci ukwenzela isidlo sasemini. Sasingatyi kunye nabanye abantwana. Sasingakwazi ukuba sibe nokutya okunjeya. Sasisoloko sisiya kusithela ngaphaya kwenduli ukuya kutya. Ndikhumbula ngemini sasinamaqhashu, sasicinga yayiyeyona nto imnandi. Ngoko ukuqinisekisa ukuba ndifumana umlinganiselo wam kuwo, ndaphuma phambi kwemva kwemini ndakha esikhulu isandla esigcweleyo ngaphambi kokuba umntakwethu afumane isaxa sakhe.

Emva koko ndimi phaya ndijonge kwelathafa libharhiswe lilanga dacinga ngezo zinto ndaza ndazibuza ingaba uThixo umthabathele kwindawo engcono. Kwaze kwakhona uThixo wandibiza, kodwa ngokwesiqhelo, ndazama ukuyilwa ndiyichase.

Ndalungiselela ukubuyela ekhaya ukuya esingcwabeni. Xa Umfu. McKinny weBandla iPort Fulton, indoda enjengotata kum, washumayela emngcwabeni wakhe wachaphazela ukuba, "Kungaba kukho abanye apha abangamaziyo uThixo, ukuba kunjalo, mamkele Yena ngoku." Owu indlela endatshela ngayo esitulweni sam, uThixo wayesebenza kwakhona. Mfundi othandekayo, xa Ebiza, sabela kuYe.

Andisokuze ndilibale indlela omdala ohlupekileyo uTata noMama abalila ngayo emva kwesingcwabo. Ndandifuna ukubuyela eNtshona kodwa uMama wandibongoza kanzima ukuba ndihlale de ndavuma ukuhlala ukuba ndingafumana umsebenzi. Ngokukhawuleza ndawufumana umsebenzi kwiKampani yeNkonzo Yoluntu yase Indiana.

Malunga neminyaka emibini emva koko ngelixa ndandihlola imeters kwivekile yemeters kwiNdawo yeGesi eNew Albany, ndahlaselwa yigesi kwaye ndagula yiyo iiveki. Ndaya kubo bonke oogqirha endibaziyo. Ndandingafumani siqabu. Ndandigula yi-asidi yesisu, esibangelwa kokusuka kwigesi. Yaye ikhula isiba mbi lonke ixesha. Ndathatyathwa ndasiwa kwingcaphephe eLouisville, Kentucky. Bagqiba ngelithi yayikukudumba kwethumbu baze bathi kwakufanele ndenze utyando. Andizange ndikholelwe kuba zange ndibe nazintlungu kwicala lam. Oogqirha bathi abanakundenzela nto ngaphezulu ndide ndenze utyando. Ekugqibeleni ndavuma ukuba lwenziwa kodwa ndanyanzelisa ukuba basebenzise isilalisi salapho ukuze ndibenakho ukulubukela utyando.

Owu, ndandifuna umntu othile ame ecaleni kwam omaziyo uThixo. Ndandikholelwa kumthandazo kodwa ndingenakho ukuthandaza. Ke umlungiseleli osuka kwiBandla iFirst Baptist waya nam kwigumbi lokutyandwa.

Xa bandisusayo etafileni ukundisa ebhedini yam, ndaziva ndisiya ndisiba buthathaka ngoba buthathaka lonke ixesha. Intliziyo yam yayingabonkalisi kubetha. Ndava ukufa kuphezu kwam. Ukuphefumla kwam kwakusiya kusiba ncinci lonke ixesha. Ndandisazi ukuba ndifike kwisiphelo sendlela yam. Owu sihlobo linda ude ufike phaya kube kanye, ngoko uyakucinga ngezinto ezininzi ozenzileyo. Ndandisazi ukuba zange ndatshaya, ndasela okanye ndaba nemikhuba engcolileyo kodwa ndandisazi ukuba ndandingakulungelanga ukuhlangana noThixo.

Sihlobo ukuba ulelibandayo elomileyo ilungu lecawa, uyakwazi xa ufika ekugqibeleni ukuba akukulungelanga.

Ke ukuba oko kuko konke okwaziyo malunga noThixo, ndiyakucela kanye apha ukuba uguqe ngamadolo akho uze ucele uYesu akunike la mava okuzalwa ngokutsha, njengoko Wamxelelayo uNikodimo kuYohane isahluko sesi-3, kwaye owu indlela iintsimbi zovuyo ezikhencezayo zikhala ngayo. Malibongwe iGama Lakhe.

Kwaqalisa ukukhula ubumnyama kwigumbi lesibhedlela, ngokungathi kwakusemahlathini amakhulu. Ndinakho ukuva umoya ubhudla emagqibini, noko yakhangeleka iyindlela enkulu engaphandle ehlathini. Ukhe mhlawumbi weva ukuphafuza komoya ubhudla amagqabi, usiza kufutshane nakufutshane kuwe. Ndacinga, "Kulungile, oku kukufa kusiza kundithatha." Owu! umphefumlo wam wawuzakuhlangana noThixo, ndazama ukuthandaza kodwa zange ndikwazi.

Okona umoya usiza, kokona ungxola kwaye ungxola. Amagqabi akhwahlaza konke konke ngaxesha linye, ndandimkile.

Kwakhangeleka ngathi ndandibuyile kwakhona inkwenkwe encinci ehamba ngenyawo, ime kulandledlana phantsi kwala mthi mnye. Ndeva ela Zwi linye elathi, "Ungaze usele okanye utshaye." Kwaye amagqabi endawevayo ayekwa manye ayebhudla kula mthi ngala mini.

Kodwa ngeli xesha iZwi lathi, "Ndakubiza kodwa zange uze." Liphindile amatyeli amathathu.

Ndaza ndathi, "Nkosi, ukuba nguWe, ndivumele ndibuyele emva emhlabeni kwakhona kwaye ndiyakuyishumayela iVangeli Yakho ukusuka kumaphahla ezindlu nembombo zezitrato. Ndiyakuxelela wonke ubani malunga nayo!"

Xa lombono waphelayo wagqithayo, ndafumana ukuba zange ndizive ngcono. Ugqirha wam wayesesakhiweni. Weza kundijonga kwaye wayemangalisiwe. Wajonga ngathi ucinga ukuba bendiyakuba sendifile, waza wathi, "Andingomntu uhamba icawa, umsebenzi wam mkhulu, kodwa ndiyazi ukuba uThixo uyihambele lenkwenkwe." Kutheni wathetha lonto, andazi. Akukho mntu watsho nto malunga nayo. Ukuba ndandazile ngoko oko ndikwaziyo ngoku, ndandinokuvuka kulabhedi ndikhwaza uMalibongwe iGama Lakhe.

Emva kwentsuku ezimbalwa ndavunyelwa ukuba ndiphindele ekhaya kodwa ndandisagula kwaye ndanyanzelwa ukuba ndinxibe iindondo emehlweni am ngenxa yesiphene samehlo. Intloko yam yahlunguzela xa ndijonga nakuyiphi into ithutyana.

Ndaqalisa ukuphuma ndifune uThixo. Ndasuka kwicawa ndaya kwicawa, ndizama ukufumana indawo apho kwakukho esidala isiguqo. Into embi zange ndifumane nesinye.

Ndathi ukuba ndandikhe ndaba ngumKristu, ndandiyakuba ngowenene. Umlungiseleli owandivayo ndisenza lontetho wathi, "Ngoku Billy nkwenkwe, ulahlekela ekuthabathekeni." Ndathi ukuba ndingafumana inkolo, ndifuna ukuyiva xa ifika, njengoko abafundi benzayo.

Owu malibongwe iGama Lakhe. Ndafumana inkolo kamva kwaye ndisenayo, kwaye ngoncedo Lwakhe, ndiyakusoloko ndiyigcinile.

Ngobunye ubusuku ndaziva ndilambele uThixo kakhulu kwaye amava enene okuba ndiphume ndiye kwishedi endala ngasemva kwendlu ndaza ndazama ukuthandaza. Ndandingakwazi ukuba kuthandazwa njani ngoko ke ndaqalisa ukuthetha naYe njengoko bendiyakwenza njalo nakubani. Konke ngaxesha linye kwaza ukuKhanya eshedini kwaye kwenza umnqamlezo kwaye iZwi elisuka emnqamlezweni lathetha nam ngelwimi endandingenakho ukuliqonda. Laza emva koko lemka. Ndandididekile. Xa ndabuyela ekuzoleni kwakhona ndathandaza, "Nkosi ukuba Nguwe lowo, nceda yiza uthethe nam kwakhona." Ndandifunda iBhayibhile yam sukela ekubeni ndisekhaya ekuphumeni kwam esibhedlela kwaye ndafunda kuYohane woku-1 isi-4, "Zintanda, musani ukukholelwa yonke imimoya kodwa yicikideni ukuba yekaThixo na."

Ndandisazi ukuba umoya ubonakele kum kwaye njengokuba ndandithandaza wabonakala kwakhona. Emva koko kwakhangeleka kum ngathi bekukho amawaka emithwalo esusiweyo kum. Ndaxhumela phezulu ndaza ndabalekela endlini kwaye kwakhangeleka ngathi ndandibaleka emoyeni.

UMama wabuza, "Bill, kwenzeke ntoni kuwe?" Ndaphendula, "Andazi kodwa ndiqinisekile ndiziva ngcono nakhaphukhaphu." Ndandingenakho ukuhlala endlini kwakhona. Kwakufuneka ndiphakame ndibaleke.

Ndandisazi ngoko okokuba ukuba uThixo wafuna ndishumayele, Ebeya kundiphilisa. Ngoko ndaya ecaweni ekholelwa ekuthanjisweni nge oli kwaye ndaphiliswa. Ndabona ngoko ukuba abafundi banokuthile abaninzi babalungiliseleli abangenabo namhlanje. Abafundi babebhaptizwe ngoMoya oyiNgcwele ngenxa yoko babenakho ukuphilisa abagulayo nokwenza imimangaliso emikhulu eGameni Lakhe. Ngoko ndaqalisa ukuthandazela ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele ndaza ndalufumana.

Ngenye imini malunga nesithandathu seenyanga kamva, uThixo wandinika umnqweno wentliziyo yam. Wathetha nam ekuKhanyeni okukhulu, endixelela ukuba ndiyokushumayela kwaye ndithandazela abagulayo kwaye Uyakubaphilisa kungakhathaliseki nokuba sesiphi isifo abanaso. Ndaqalisa ukushumayela nokwenza oko Andixelele kona ukuba ndikwenze. Owu sihlobo, andinakwazi ukuqalisa ukuxelela konke okwenzekayo: Amehlo amfamekileyo avuleka. Iziqhwala zahamba. Imihlaza yayiphilisiwe, kwaye zonke iintlobo zemimangaliso yenziwa.

Ngenye imini ekupheleni kweSpring Street, eJeffersonville, Indiana, emva kwemvuselelo yeeveki ezimbini, ndandibhaptiza abantu abali-130. Yayiyimini eshushu ka Agasti kwaye kwakukho malunga nama 3,000 abantu ababekho. Ndandimalunga nokubhaptiza owe-17 umntu xa ngequbuliso ndeva eliya lizolileyo, lincinci iZwi kwakhona kwaye lathi, "Khangela phezulu." Isibhakabhaka sasinjengobhedu ngalamini ishushu ka Agasti. Sasingakhange sibe namvula tu malunga neeveki ezintathu. Ndeva iZwi kwakhona, kwaye kwakhona ityeli lesithathu lathi, "Khangela phezulu."

Ndakhangela phezulu kwaye nako kusiza kuphuma esibhakabhakeni inkwenkwezi enkulu ekhanyayo, endakhe ndayibona amatyeli amaninzi ngaphambili kodwa zange ndanixelela malunga nayo. Ngamaxa amaninzi ndabaxelela abantu malunga nokubonakala kwayo kodwa babesuka bandihleke bathi, "Bill, uyazicingela nje oko. Okanye mhlawumbi ubuphupha." Kodwa makabongwe uThixo, ngeli xesha Wazibonakalisa Yena kokubonakalayo kubo bonke, ngokuba yeza kufutshane kakhulu kum ndandingenakho nokuthetha. Emva kokugqitha kwemizuzu embalwa ndakhala baza abantu bakhangela phezulu baza bayibona inkwenkwezi kanye ngentla kwam. Abanye bafa isiqaqa ngelixa abanye bakhwaza abanye babaleka. Emva koko inkwenkwezi yabuyela kwakhona esibhakabhakeni kwindawo apho ibisuka khona yayimalunga neenyawo ezilishumi elinesihlanu ngokuphindwe kane kwaye le ndawo yaqhubeka ishukuma kwaye ijikeleza okanye ngokungathi ngamaza eqengqeleka. Apho yenza kulendawo elincinci elimhlophe ilifu kwaye inkwenkwezi yangena kwelilifu lincinci.

Njongoko uYohane umBhaptizi, umprofeti wangqinelwa kumanzi oBhaptizo.

Umbono waqhubekeka. Waxelwa ngamaqabana omfundisi wakhe okokuba umbono wakhe wawungasuki kuThixo. Waxelelwa ukuba ungenwe ngumoya ongcolileyo. Oko kwamkhathaza nzulu. Umthwalo waba nzima kakhulu ukuba awuthwale, ke waya entlango ukuya kufumana iNtando

kaThixo. Wayezinikele kakhulu ekubeni akasayi kubuya ngaphandle kokufumana impendulo. Yayilapho, kwelimxinwa ityotyombe, apho iNgelosi yeNkosi yamnika umyalelo wakhe. Phakathi kwezinye izinto, iNgelosi yamxelela oko: "Ukuba ungabenza abantu bakukholelwe, kwaye unyaniseke xa uthandaza, akukho nto iyakuma phambi komthandazo wakho, nkqu nomhlaza."

Zonke iintandabuzo zaziphelile. Ngoku wayenomyalelo waza wahambela phambili ngokuzithemba. Imvuselelo yempiliso yayiqalisile.

Amakhulu amawaka ahambela iimikhankaso kaBranham. Amawaka aphiliswa eGameni leNkosi uYesu Kristu. Abanye abavangeli abanje ngo Oral Roberts, T.L. Osborn, kunye no A.A. Allen balandela uMzalwana uBranham kwangoko baza baqalisa ezabo iimvuselelo zempiliso. INkosi yanethisa iintsikelelo Zayo ngendlela engazange ibekho ngaphambili. Isandla sikaYesu Kristu sempiliso sasiphindile kwakhona sachukumisa abantu Bakhe.

"Ndandisoloko ndilila ngenxa yovuyo ngezipho zikaThixo ezazisandula ukwenzeke ebandleni lomzalwana wethu othandekayo, uWilliam Branham, kunye nesimangalisayo isipho sakhe sempiliso. Oko nguThixo esenza ngokungaphezulu nangokugqithisileyo ngaphezu kwako konke oko sinokucela okanye sikucinge (Efes. 3:20), kuba zange ndabona okanye ndafunda nantoni elingana nempiliso yolungiselelo lukaWilliam Branham.

UMfu. F.F. Bosworth, ovunyiweyo lihlabathi umvangeli nomye wabazali abangabaseki behlelo i-Assembies Of God kunye nentshukumo yabakwaMoya yanamhlanje.

"Ngaxesha lithile, sabukela njengoko wayesiya kwindoda eyayilele emandlalweni. Ekuqaleni kwakungekho luphawu lwantshukumo endodeni. Inkcazelo ngoko yeza isuka kumfazi owayemi ecaleni, eyokuba indoda yayingafi nje kuphela ngumhlaza, kodwa yayisisithulu kwaye ingenakho ukuva okuthethwayo.

UMzalwana uBranham ngoko wathi iyakuba yimfuneko okokuba indoda ifumane ukuva kwayo ukuze abe nokuyiyalela

malunga nempiliso yayo yomhlaza. Kwabakho ithuba lomthandazo. Ngesiquphe indoda yabanakho ukuva! Ezinkulu ezininzi iinyembezi zehla ngezidlele zala ndoda obuso bayo bebungabonakaliso nto lonke olorhatya kwaye bungashukumi. Yaphulaphula ngomdlakazi omkhulu njengoko yayixelelwa ngenkululeko yayo kumhlaza."

Mfu. Gordon Lindsay, ogqwesileyo umbhali, umlungiseleli, kunye nomseki weChrist For The Nations Institute.

"UMzalwana uBranham wathi, 'ULungulesigqeba uphilisiwe.' Intliziyo yam yaxhuma. Ndatsiba ndaza ndamkela iNkosi njengoMphilisi wam. Ndabeka ecaleni intonga zam...aze amazantsi weZulu avuleka!"

William D. Upshaw, US Congressman (1919-1927), umgqatswa ukuba nguMongameli wase US ngo 1932. Wakhubazeka umzimba ukusukela ekuweni ophuke umqolo esengumntwana. Wayenama-84 xa waphiliswa ngokupheleleyo ngomthandazo kaMzalwana uBranham, emva kokuba ekhubazeke ngomzimba iminyaka engama-66. Zange abenamfuneko yokusebenzisa isitulo sokuhamba okanye iintonga ubomi bakhe bonke.

"Ndandilele ngomqolo isibhozo seminyaka neenyanga ezilithoba ndine T.B. kwaye oogqirha babendincamile. Kwakunzima nokuba ndenze ubunzima bama-50 obunzima kwaye kwakhangeleka ngathi onke amathemba ayephelile. Ngoko eJeffersonville, Indiana, kweza uMfu. WM Branham embonweni awawubonayo wetakana legusha libambekile entlango kwaye likhala 'Milltown,' leyo kulapho ndihlala khona. UMzalwana uBranham wayengazange abelapha okanye azi namnye umntu walapha. Ekungeneni, wabeka izandla kum wathandaza, ebiza phezu kwam iGama leyethu ethandekayo iNkosi uYesu. Into ethile yakhangeleka indibamba kwaye ngaxeshanye ndandiphakamile ndidumisa uThixo ngamandla Akhe okuphilisa. Ngoku ndingumdlali piyano kwicawa yaseBhaptizi apha."

Georgia Carter, Milltown Indiana, waphiliswa kwebulalayo iT.B. ngowe-1940 kwaye zange agule ngesasifo kwakhona ebomini bakhe. Umele amashumi amawaka abantu abaphiliswayo ngolungiselelo lwakhe kwaye basaphiliswa nanamhlanje.

INTSIKA YOMLILO

UMzalwana uBranham usoloko echaza ngeNtsika yoMlilo eyangqinela ulungiselelo lwakhe. Yayikho ekuzalweni kwakhe, yabonwa ngamawaka enxwemeni loMlambo i-Ohio, kwaye ibonakala imlandela naphina apho aya khona. Kwakungo 1950 apho iNkosi yanika zombini amakholwa nabangakholwayo ngokufanayo obungenakuphikiswa ubungqina bokuba leNtsika yoMlilo yayikunye naye umprofeti.

Ubusuku babusityakalelwe yimpikiswano eSam Houston Coliseum. UMzalwana uBranham wayekhokela imvuselelo yempiliso eyayitshayela umhlaba. Iintsikelelo zeNkosi uYesu zazigaleleka ngathi yimvula phezu kwamasimi kamoya engqolowa. Kodwa imiqondiso emikhulu nezimanga zange zibekho ngaphandle kwesigxeko. Njengoko kusoloko kunjalo, utshaba lwavusa umchasi. Imimoya emibini yahlangana eHouston Texas, kwaye iNgelosi yeNkosi Ngokwayo yehla ukuza kulwa idabi.

Amawaka ayeselekhona ukuza kungqina engabalekiyo imimangaliso eyayilandela le ndoda kaThixo. Kusuku olungaphambili, iqela labalungiseleli basekuhlaleni bamcela umngeni umprofeti kwingxoxo mpikiswano malunga nempiliso eNgcwele, kodwa umceli mngeni wawela kothembekileyo omdala umhlobo womprofeti, uMfundisi F.F. Bosworth. Iqela labathandabuzi lalikhokelwa ngowasekuhlaleni umlungiseleli waseBhaptizi neciko lomgxeki wempiliso eNgcwele. Ingxoxo mpikiswano eyayizakubakho yavuzela kumaphepha ndaba, awakhawuleza apapasha intloko-ndaba, *"Inqatho Yezakwalizwi Iyakubasemoyeni Ngentsimbi Ye-7 p.m. Namhlanje KwiSam Houston Coliseum."*

Abathandabuzi baqesha umfoti oqeqeshiweyo, uTed Kipperman weDouglas Studio, ukuba ashicilele ingxoxo mpikiswano. Ngobo busuku, amafoto athatyathwa ngoMzalwana uBosworth eme ngokundilisekileyo njengoko abathandabuzi beme ngendlela egrogrisayo; ngaxesha lithile umnwe wakhe unyalwe ebusweni bethobekileyo endala indoda.

Xa ingxoxo mpikiswano yaqalisayo, uMfundisi uBosworth wakhawuleza waqinisekisa ukungathandabuzeki kwempiliso eNgcwele ngobungqina beSibhalo kwaza emva koko, ukungashiyi mbuzo, wacela bonke ababephilisiwe kwizifo zabo ukuba beme. Amawaka ema ngenyawo zabo. Emva kwabo babephilisiwe bathatha indawo zabo, wacela ukuba bonke ababephilisiwe ngempiliso eNgcwele nababehambisana nehlelo lale ndoda ukuba beme. Amakhulu amathathu amalungu ecawa aphakama ukubonakalisa ngokuzingca inceba ethe iNkosi uYesu yayibonakalisa kubo.

Ucelo mngeni ngoko lweza lusuka kumthandabuzi, “Makeze lamphilisi uNgcwele. Makayenze.” UMzalwana uBosworth wayenza yacaca eyokuba uYesu kuphela koMphilisi oNgcwele, kodwa ukubhavumla komthandabuzi kwaqhubeka. Ekugqibeleni, uMzalwana uBosworth wamemela uMzalwana uBranham eqongeni. Wasamkela isimemo phakathi kwemikhwaza yenkxaso.

Umprofeti, ezele nguMoya oyiNgcwele, wanikeza le mpendulo ilandelayo:

> Andinakuphilisa namnye. Oku ndiyakutsho. Xa ndandingumntwana ndizalwa phezulu kwiLizwana laseKentucky, ngokukamama wam othandekayo, noko kwangqinelwayo ngobomi bam, kwabakho ukuKhanya okweza egumbini lweliya lincinci lidala ityotyombe phaya, apho lalikhona, kungekho nto emgangathweni walo phantsi, kwakungekho kwafestile, babenento nje encinci endala ukwenzela ifestile, nje ngecango elincinci, kwaye babeyityhale yavuleka malunga nentsimbi yesihlanu ekuseni, kwaza okukuKhanya kwajikeleza ngaphakathi nje ngokuba kwakuqalisa imini. Ukusukela ngelo xesha, Kubé kunam. YiNgelosi kaThixo. Yadibana nam ngobuqu

kwiminyaka embalwa eyagqithayo. Ukuqhubeka ngobomi bam, Yandixelela izinto ezenzekayo, kwaye ndazixela kanye ngendlela Eyandixelela ngayo. Kwaye ndicela umngeni nabani nakuyiphi indawo, ukuba aye kwisixeko apho ndakhuliselwa khona, okanye naphina engenye, apho intetho yakhe yenziwa eGameni leNkosi, kuphela koko kwenzeka ngokuchanekileyo ngendlela ekuthwe iyakwenzeka.

Emva kokuba ewatshilo lomazwi, uMoya oyiNgcwele wawa phezu kweqonga, waze othabathekileyo umfoti wathabatha ifoto. UMzalwana uBranham washiya iqonga ngethobekileyo, kodwa eprofetayo intetho: *"UThixo uyakungqina. Andisayi kuthetha nto ngaphezulu."*

Iqabana lika Mnu. Kipperman lakhawuleza laya kuvelisa lafota ukwenzela iindaba zentsasa elandelayo. Laqaphela into ethile engaqhelekanga njengoko wayekhupha ifoto lokuqala liphuma kwisiphuhlisi. Lona, njengakwamahlanu alandelayo amafoto, kwakungekho nto. Labamba intliziyo yalo lawela ngaphambili xa lalikhupha eyokugqibela evelisiweyo kwisiphuhlisi. Nako, kula foto yokugqibela, yayiyi Ntsika yoMlilo kwimo ebonakalayo iphumle ngaphezu kwentloko yomprofeti kaThixo, uWilliam Marrion Branham.

Abantwana bakaSirayeli bayibona iNtsika yoMlilo ikhokela uMoses, kwaye abantu balemihla bayibonile iNtsika yoMlilo ekwanye ikhokela omnye umprofeti.

Ifoto lasiwa ngokukhawuleza kuGeorge J. Lacy, uMvavanyi Oqeqeshiweyo waKrokrelwayo Amaxwebhu osebenzela i-U.S. F.B.I., owawuqinisekisayo umfanekiso ngolunamava uluvo lwakhe. Ixwebhu elisemthethweni olwaveliswa nguMnu. Lacy likwiphepha elilandelayo.

Oku kwakukudala kakhulu ngaphambi kokuba icomputer okanye ikhamera ezigcina imifanekiso, kwaye kungenakuchazwa nangesiphi isixhobo esaziwayo kwinzululwazi, ngaphandle kokuba kwabakho ngenene ukuKhanya ngaphezu kwentloko kaWilliam Branham. Namhlanje la foto ikwanye ingabonwa e-United States Library Of Congress, kwikomkhulu lesizwe, eWashington DC.

George J. Lacy
Umvavanyi waMaxwebhu Angaqondakaliyo
Shell Building
Houston, Texas

Janywari 29, 1950

INGXELO KUNYE NOLUVO

Malunga: Isithunzi sefoto esingaqondakaliyo

Ngo Janywari 28, 1950 ngokwesicelo sikaMfundisi uGordon Lindsay, owayemele uMfundisi uWilliam Branham wase Jeffersonville, Indiana, ndifumene evela eDouglas Studios sase 1610 Rusk Avenue kwesi sixeko, ifilimu yefoto elivelisiweyo kwaye latyhileka elizi intshi eziyi 4x5. Le filimu kwakubangwa ukuba yenziwe ngabe Douglas Studios baka Mfundisi uWilliam Branham eSam Houston Coliseum kwesi sixeko, ngexesha lotyelelo lwakhe apha ekupheleni kuka Janywari, 1950.

ISICELO

UMfundisi uLindsay ucele ukuba ndenze uvavanyo lobunzululwazi lwesisithunzi sefoto sesichaziwe. Ucele ukuba ndiqinisekise, ukuba kuyakwazeka, okokuba kolwam uluvo ingaba isithunzi sefoto sibe sichukunyisiwe kwakhona okanye "sikokotelwe" nangayiphi na indlela, emveni kokuveliswa kwefilimu, eyabangela umgca wokukhanya ibonakala kwimo yesangqa phezu kwentloko kaMfundisi uBranham.

UVAVANYO

Isibonakhulu kunye novavanyo ngesibonakhulu nokufundisisa kwenziwa kumphandle wonke wawo omabini amacala efilimu, eyayiyi Eastman Kodak Safety Film. Omabini amacala efilimu avavanywa phantsi kwesikhanyiso sesihluzo se ultra-violet kwaye benza iifoto ezibomvu ngaphantsi ngezofilimu.

Uvavanyo lwesibonakhulu lohlulekile ukubonisa ukuchukunyiswa kwesibini kwefilimu nakweyiphina indawo nakanjani nangayiphi na inkqubo esetyenziswa kwezorhwebo ngokuchukumisa kwakhona. Kananjalo, uvavanyo ngesibonakude lohlulekile ukubonisa naluphi uphazanyiso lokuxubisisisa ngaphakathi okanye ngokujikeleze umgca wokukhanya ongaqondakaliyo.

Uvavanyo lokukhanya kwe ultra-violet lohlulekile ukubonisa nayiphina into engaqhelekanga, okanye iziphumo zako nakuphina okubangelwa kukusebenza kwechiza nakweliphina icala lwesithunzi sefoto, obelunokubangela umgca wokukhanya, olandele ekuvelisweni kwesithunzi sefoto.

Ifoto elibomvu ngaphantsi ngokunjalo lohlulekile ukubhencisa nayiphi into enokubonisa ukuba nakuphina ukuchukunyiswa kwesibini kwenzekile kwifilimu.

Uvavanyo ngokunjalo lohlulekile ukuveza nayiphi na into ebinokubonisa ukuba isithunzi sefoto elingaqondakaliyo kokudityanisiweyo kwesithunzi sefoto okanye isithunzi sefoto elityhilwe ngokuphindiweyo.

Zange kubekho nto efunyenweyo enokubonisa ukuba umgca wokukhanya ongaqondakaliyo wenziwa ngexesha lenkqubo yokuvelisa. Nanto nayiphina eyafunyanwayo eyayinokubonisa ukuba yayingaveliswanga kweqhelekileyo neyamkelekileyo inkqubo. Akukho nto yafumanekayo ekuthelekisweni kobumfiliba kwiindawo ezingekho thunzini eyayingangqinelani.

U L U V O

Ngokusekelezelwe phezu kwenkcazelo yovavanyo engasentla nokufundisiswa ndinoluvo oluqinisekileyo lokuba isithunzi sefoto esinikezelwe ukuba sivavanywe, sasingachukunyiswanga okwesibini nokuba yayi kukudityaniswa okanye isithunzi sefoto elityhilwe kabini.

Ngaphezulu, ndinoluvo oluqinisekileyo lokuba umgca wokukhanya okubonakala phezu kwentloko kusisimo sesangqa kwabangelwa kukukhanya okwabetha isithunzi sefoto.

Inikezelwe ngentlonipho

GJL/11

IIMFIHLAKALO ZITYHILIWE

Ebutsheni bolungiselelo lukaMzalwana uBranham kwacaca ukuba inqubo yobuhlelo yayakhelwe ukuphuhlisa imibutho yezenkolo, kodwa hayi iVangeli enyanisekileyo. UMzalwana uBranham wayekholelwa iZwi neZwi leBhayibhile, kwaye engayi kwenzelelela, nkqu nokuba oko kuthetha ukubukulwa ngamaqabane akhe, izihlobo, okanye usapho.

Ngelixa wayeselilungu leBandla iMissionary Baptist, wayalelwa ukuba athambise abafazi ukuba babe ngabalungiseleli. Nakuba kunjalo, wayezazi iZibhalo kakuhle kakhulu. UTimoti I 2:12 ngokuphandle uthi, *"Ke andimvumeli umfazi ukuba afundise, okanye abe negunya phezu kwendoda, kodwa makathi cwaka,"* kwaye AmaKorinte I 14:34 athi, "*Mabathi cwaka abafazi ebandleni: kuba akuvumelekanga ukuba bathethe…*" Oko kwakungachasananga nabafazi, kodwa iBhayibhile yayicace gca kulomba. Xa useko mda lwalufikile, wayengenakwenzelelela ke wayishiya icawa.

Eso yayingekokuphela kweSibhalo esasingasiwanga liso ngokupheleleyo ngamahlelo. INkosi yatyhila inyaniso ngobhaptizo kuMzalwana uBranham. Angathini uYesu ukuyalela, *"Hambani ngoko, nifundise zonke iintlanga, nibabhaptize egameni likaYise, nelikaNyana, nelikaMoya oyiNgcwele,"* kodwa lonke ubhaptizo olubhalwe eBhayibhileni lwaluseGameni likaYesu? Umpostile uPetros wabayalela kwiZenzo 2:38 ukuba ***baguquke kwaye babhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu.*** Isibhalo sisebenze kubunye obupheleleyo, kodwa kwathabatha umprofeti ukutyhila lemfihlakalo: "Yise" asilogama, "Nyana" asilogama, kwaye "Moya oyiNgcwele" asilogama. Njengoko indoda inye inguyise kubantwana bayo, unyana

kubazali bayo, umzalwana kubantwana bakowabo, kodwa igama layo asingo "yise," "nyana," okanye "mzalwana." UYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele zizihlonipho zeGama likaYesu Kristu. UMateyu 28:19 kunye nezenzo 2:38 kwafikelela kungqamano oluphelelelyo.

Nkqu nesono sasekuqaleni eMyezweni wase Eden satyhilwa, hayi njengokutya isiqhamo, kodwa into ethile emanyumnyezi kakhulu. Kungathini ukutya intwana yesiqhamo ngoko nangoko kutyhile ku Adam no-Eva ukuba babeze? Ngokulula ayenzi mbadlo. Linanto yakwenza nantoni i-apile nokubaze? Umprofeti kaThixo wazityhila ezi zinto ngokucacileyo.

Ngubani ezazithetha ngaye iingelosi kwiZityhilelo isahluko sesi-2 nesesi-3? Amagama abo angavakala qhelekileyo.

Ngobani abakhweli mahashe angaqhelekanga kwiZityhilelo isahluko sesi-6? Babenento enye eyona ibalulekileyo abafana ngayo.

Ingaba i-United States ichatshazelwe kwiNcwadi yeZityhilelo?

Ngobani ama-144,000 asindiswayo kwisahluko 7?

Ihenyukazi elikhulu lesahluko 17? Ubuqu balo kunye nazo zonke ezimfihlakalo zatyhilwa kuMyalezo walomprofeti unamandla uthunyelwe nguThixo.

Zange nje ibe kukulandelwa kuphela yengabalekiyo imimangaliso, kodwa imfihlelo ebezifihliwe eBhayibhileni ngazo izigaba nazo zatyhilwa kulungiselelo lwakhe. Yaye yacaca ukuba lomprofeti wazalisekisa ezingaphezulu iZibhalo kuno Malaki 4.

Izityhilelo 10:7: Ke ngemihla yezwi leyesixhenxe ingelosi, xa iyakuqalisa ukuvakalisa, imfihlelo kaThixo iyakugqitywa, njengoko ayidandalazisileyo kubakhonzi bakhe abaprofeti.

ILizwi liyamemeza kwihlabathi ukuba liphume emahlelweni libuyele kwiLizwi likaThixo lamandulo. Sonke kuthi ngabanye sinethuba elifanayo elo uPetros,

Yakobi, noYohane babenalo. Sinethuba lokubalelwa kwabambalwa abakhethiweyo bakaThixo abangasokuze baqubude kwimibutho yamahlelo alemihla.

Izibhalo eziNgcwele zibalisa ngobomi nezenzo zamadoda ahamba noThixo kwaye ayethanjisiwe kakhulu ngoMoya Wakhe abambabaza ITSHO INKOSI, kwaye amazwi abo angqinelwa yengenakusilela imiqondiso nezimanga. Ayengabaprofeti bakaThixo, neZwi likaThixo kwisizukulwane sabo.

Ingaba amaxesha ahlukile ngoku kunokuba ayenjalo ngelixa uYesu wayelapha? Yayizinkokheli zakwalizwi ezambethelelayo Yena. Abafundi yayiliqaqobana labambalwa phakathi kwenkulu inqubo yezenkolo. Babebukuliwe, benyhukulwa, bade ekugqibeleni babulawa ngokuma ngokuchaseneyo nenkqubo kawonke wonke yobuhlelo. Singangabulawa ngenxa yokholo lwethu, kodwa ngokuqinisekileyo siyatshutshiswa. Njengabafarasi nabaSadusi, babengenakuphika imimangaliso eyayilandela ulungiselelo lukaMzalwana uBranham ngoko babhenela kwezinye indlela zohlaselo. Ungeva ukuba wayengumprofeti wobuxoki, inkokheli yenkolo yonqulo-mntu, okanye into embi. Enyanisweni, wayeyindoda ethobekileyo kaThixo eyama ngokungagungqi ngokuchaseneyo nolungafuni kunikezela ulawulo athe amahlelo kunye namaqela onqulo-mntu awayenalo phezu kwabantu bakaThixo. Bamhlasela uYesu kwangendlela enye xa Wema ngokuchaseneyo nemigaqo kunye nezithethe zabo.

UThixo wakuvuza ukuvuma kukaMzalwana uBranham ekukholelweni lonke iLizwi eBhayibhileni, kwaye Usebenzisa ulungiselelo lwakhe ukukhokela izigidi zemiphefumlo kuYesu Kristu. Namhlanje, iZwi leSithunywa seSixhenxe lavakala ngamandla kakhulu njengoko Lakhe lanjalo. Malunga nezigidi ezimbini zabantu kumhlaba wonke bakholelwa uMyalezo kaMzalwana uBranham. Oku kungaba liqaqobana labambalwa bezigidi ngezigidi ezibanga ubuKristu, kodwa kuphi apho abantu bakaThixo bakhe ababangabambalwa?

Sinezingaphezulu kwama 1,200 eentshumayelo ezishicilelweyo ezineZwi elaprofetwa ukuba lize kwiZityhilelo 10:7. Ngazinye kwezintshumayelo zivula ezininzi imfihlakalo zikaThixo. Ela Zwi liyafumaneka ukuba uyafuna ukuliva Lona.

UKHETHO LOLWAKHO

Akukho naxesha lithile apho ndakhe ndazisa umyalezo ebantwini ukwenzela ukuba bandilandele, okanye bajoyine ibandla lam, okanye baqalise ubudlelwane obuthile kunye nombutho. Andizange ndiyenze lonto kwaye ndingasayi kukwenza oko ngoku. Andinamdla kwezonto, kodwa ndinawo umdla kwizinto zikaThixo nasebantwini, kwaye ukuba ndingazalisekisa nje ibenye ndiyakoneliseka. Lonto inye kukubona uqhagamshelwano olunyanisekileyo lokomoya phakathi koThixo nabantu, apho abantu bayakuba zizidalwa ezitsha kuKristu, bezaliswa nguMoya Wakhe kwaye bephila ngokweLizwi Lakhe. Ndingathanda ukumema, ndibongoza kwaye ndiyala bonke ukuba balive izwi Lakhe ngalo eli xesha, kwaye ninikele ubomi benu ngokupheleleyo kuYe, nanjengoko ndithemba entliziyweni yam ukuba ndinikeze konke okungokwam kuYe. UThixo anisikelele, kwaye kwanga ukuza Kwakhe kungayivuyisa intliziyo yenu.

Mfu. William Marrion Branham

IZALATHISO

UYESU KRISTU NGUTHIXO (UKUZALISEKA KOBUTHIXO)

EKSOD 20:3	Uze ungabi nathixo bambi ngaphandle kwam.
ISAYA 9:6	Ngokuba sizalelwe umntwana, sinikwe unyana: ukuthethela koba sesixhantini sakhe: igama lakhe kothiwa nguMmangaliso, nguMcebisi, UThixo oligorha, NguSonini-nanini, NguMthetheli woXolo.
MAT 1:23	Yabonani, intombi iya kuba nomntwana, kwaye iyakuzala unyana, bayakumbiza ngegama elingu Imanuweli, ngentetho evakalayo, uThixo unathi.
YOHANE 1:1	Ekuqalekeni ube ekhona uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo.
YOHANE 1:14	ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu, (kwaye sabubona ubuqaqawuli bakhe, ubuqaqawuli kanye bowokuphela kwamzeleyo uYise,) ezele lubabalo nayinyaniso.
YOHANE 4:24	UThixo unguMoya: kwaye bonke abamnqulayo kufanele bamnqule ngomoya nangenyaniso.
YOHANE 5:43	Mna ndize egameni likaBawo, anindamkeli: kuba omnye uthe weza ngelilelakhe igama, nomamkela yena.
YOHANE 8:19	Bathi ngoko kuye, Uphi na uYihlo? Wabaphendula uYesu wathi, Anindazi mna, animazi noBawo: ukuba benindazile mna ninge nimazile noBawo.
YOHANE 10:30	Mna noBawo sibanye.
YOHANE 12:45	Lowo undibonayo ubona owandithumayo.
YOHANE 14:8-9	Athi uFilipu kuye, Nkosi, sibonise uYihlo, kosanelisa. Wathi uYesu kuye, Ndinaxesha lingakanana ndinani nje, akukandazi na mna, Filipu? lowo undibonileyo mna umbonile uBawo; utsho ngani ke wena ukuthi, Sibonise uYihlo?
YOHANE 20:28	Uphendule uTomas wathi kuye, Nkosi yam Thixo wam.
IZENZO 2:36	Ngoko mayazi ngokuqinisekileyo indlu yonke kaSirayeli, ukuba uThixo wamenza kwayena la Yesu, enambethelelayo, iNkosi kwanoKristu.
IZENZO 9:4-5	Wawa emhlabeni, weva izwi lisithi kuye, Sawule, Sawule, unditshutshisela ntoni na? Wathi ke yena, Ungubani na, Nkosi? Ithe ke iNkosi, Mna ndinguye uYesu omtshutshisayo: wenzakala ukhaba uviko nje.
KWABASE-EFESE 4:5	Inye iNkosi, lunye ukholo, lunye ubhaptizo,
KOL 1:13-17	Owasihlangulayo egunyeni lobumnyama, wasifudusela ebukumkanini bowothandekayo uNyana wakhe: esinayo kuye inkululeko ngokuhlawulelwa ngegazi lakhe, ukuxolelwa ke kwezono ke oko: Ungumfanekiselo kaThixo ongenakubonwa, owamazibulo kwindalo yonke: ngokuba zadalwa nguye zonke izinto, ezisezulwini, nezisemhlabeni, ezibonakalayo, nezingabonakaliyo, nokuba ziitrone, nokuba zibubukhosi, nokuba zizilawuli, nokuba ngamagunya: zonke izinto zadalwa nguye, zidalelwa yena: Yena ke ungaphambi kweento zonke, nazo zonke izinto zima zimi kuye.

KOL 2:6-9	Njengokuba ngoko namamkelayo uYesu Kristu iNkosi, hambani ke kuye: nendéle nakhelwe kuye, naqiniswa ngokholo, njengoko nafundiswayo, nafezeka kulo ninombulelo. Lumkani kungabikho bani unithimbayo ngayo intanda-bulumko nangokulukuhla okungento yanto, ngokwesithethe sabantu, ngokweziqalelo zehlabathi, kungengokukaKristu. Ngokuba kuhleli kuye konke ukuzaliseka kobuThixo ngokomzimba.
AMAHEBHERE 13:8	UYesu Kristu ukwanguye izolo, namhlanje, naphakade.
I YOHANE 5:7	Ngokuba bathathu abo bangqinayo ezulwini, uYise, noLizwi, noMoya oyiNgcwele: abo bathathu banye.
IZITYHILELO 1:8	Mna ndingu Alfa no-Omega, isiqalo nesiphelo, itsho iNkosi, leyo ikhoyo, yayikho, izayo, uSomandla.

UBHAPTIZO LWAMANZI

MAT 28:19	Hambani ngoko, niye kufundisa kuzo zonke iintlanga, nibabhaptize egameni likaYise, neloNyana, neloMoya oyiNgcwele:
MARKO 16:16	Lowo ukholiweyo wabhaptizwa wosindiswa; ke ongakholwanga wogwetywa.
IZENZO 2:38	Uthe ke uPetros kubo, Guqukani, nibhaptizwe nonke ngabanye egameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, kwaye niyakwamkela isipho soMoya oyiNgcwele.
IZENZO 4:12	Kananjalo usindiso alukho kuwumbi: kuba akukho gama limbi phantsi kwezulu linikiweyo phakathi kwabantu, esimelwe sisindiswe ngalo.
IZENZO 8:12	Xenikweni bakholwayo nguFilipu eshumayela iindaba ezilungileyo zobukumkani bukaThixo, nezegama likaYesu Kristu, babhaptizwa, amadoda kwanabafazi.
IZENZO 19:3-5	Wathi kubo, Nabhaptizelwe enini na phofu? Bathe ke bona, Elubhaptizweni lukaYohane. Wathi ke uPawulos, uYohane okunene wabhaptiza ngobhaptizo lwenguquko, esithi ebantwini, mabakholwe kulowo uzayo emva kwakhe, oko kukuthi, uKristu Yesu. Bevile ke oku, babhaptizelwa egameni leNkosi uYesu.
KWABASE-EFESE 4:5	Inye iNkosi, lunye ukholo, lunye ubhaptizo.
KOL 3:17	Nako konke enikwenzayo ngelizwi nokuba kungemisebenzi, kwenzeleni egameni leNkosi uYesu, nibulela kuThixo noYise ngaye.

IZALATHISO

ABAPROFETI

NUM 12:6	Waze wathi, Khanive amazwi am: ukuba nithe nanomprofeti phakathi kwenu, mna YEHOVA ndozazisa kuye ngombono, ndithethe kuye ephupheni.
DETOR 18:21-22	Xa ke uthe entliziyweni yakho, Sothini na ke ukulazi ilizwi angalithethanga uYEHOVA? Xa umprofeti athe wathetha egameni likaYEHOVA, ukuba akuthethileyo akwenzekanga, okanye akubangakho, lelo ilizwi angalithethanga uYEHOVA, kodwa uthethe ngokukhukhumala umprofeti lowo: uze unganxunguphaliswa nguye.
IZIKRONIKE I 16:20-22	Kwaye xa bahamba besuka kolunye uhlanga ukuya kolunye uhlanga, besuka kobunye ubukumkani baye kwabanye abantu; Akavumelanga mntu ukuba abacudise: ewe, wohlwaya ookumkani ngenxa yabo, Esithi, Musani ukubachukumisa abathanjiswa bam, kwaye ningabaphathi kakubi abaprofeti bam.
INDUMISO 105:12-15	Xa babebambalwa ngenani, ewe, bembalwa kakhulu, bengabaphambukeli kulo. Xa babehamba besuka kolunye uhlanga baye kolunye uhlanga, besuka kobunye ubukumkani baye kwabanye abantu; Akavumelanga mntu ukuba abacudise: ewe, Wohlwaya ookumkani ngenxa yabo, Esithi, Musani ukubachukumisa abathanjiswa bam, kwaye ningabaphathi kakubi abaprofeti bam.
AMOSI 3:7	Inene ayikhe yenze nto iNkosi uYEHOVA, ingathanga iluhlakaze ucweyo lwayo kubakhonzi bayo abaprofeti.
MALAKI 4:5	Yabonani, ndiyakuthumela kuni u-Eliya umprofeti ingekafiki imini enkulu eyoyikekayo kaYEHOVA:
LUKA 1:70	Njengoko yathethayo ngomlomo wabangcwele ababengabaprofeti: bayo kwasephakadeni:
LUKA 24:25	Waza yena wathi kubo, Oyi basweli kuqonda, bantliziyo zizeka kade ukukholwa kuko konke abakuthethileyo abaprofeti:
IZENZO 7:52	Kubo abaprofeti nguwuphi na ongatshutshiwanga ngooyihlo? Bababulala ababexela ngenxa engaphambili ukuza kwaLowo uLungisa; enithe kalonkunje naba ngabanikeli nababulali bakhe:
IZENZO 24:14	Ke ndiyakuvuma oku kuwe, ukuba ngendlela abathi bona sisiphambusa, ndenjenjalo ukumkhonza uThixo woobawo bam, ndikholwa zizinto zonke ezibhaliweyo emthethweni nasebaprofetini:
KWABASE-EFESE 2:20	Kwaye nakhelwe phezu kwelitye lesiseko sabapostile nabaprofeti, inguYesu Kristu ngokwakhe ilitye lembombo;
AMAHEBHERE 1:1-2	UThixo, wayethethile nje kudala ngeendawo ezininzi nangeendlela ezininzi koobawo ngabo abaprofeti, Uthethe ngale mihla yokugqibela kuthi ngoNyana wakhe, owammisayo wayindlalifa yeento zonke, awathi kwangaye wayenza indalo yonke;

IMIMANGALISO/IMPILISO ENGCWELE

DETOR 26:8	Wasikhupha UYEHOVA eYiphuta ngesandla esithe nkqi, nangengalo eyolukileyo, nangokoyikeka okukhulu, nangemiqondiso, nangezimanga:
ABAGWEBI 6:13	Wathi uGidiyon kuso, Camagu Nkosi yam, ukuba UYEHOVA unathi, yini na ukuba kusehlele konke oku? iphi na yonke imimangaliso yakhe ababesibalisela ngayo oobawo, besithi, Sasinganyuswanga nguYEHOVA na eYiputa? kungoko uYEHOVA usilahlile, wasinikela esandleni samaMidiyan.
INDUMISO 103:3	Uloxelela bonke ubugwenxa bakho; ulophilisa zonke izifo zakho;
ISAYA 53:5	Kanti yena uhlatywe ngenxa yezikreqo zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa: ubetho lokuba sibe noxolo thina lube luphezu kwakhe; kwaye ngemivumba yakhe siphilisiwe.
DANIYELI 11:32	Abaphatha umnqophiso ngokungendawo wobahlambela ngamazwi agudileyo: ke bona abantu abamaziyo uThixo wabo bayokomelela, bafeze.
MARKO 16:17-18	Kwaye le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo; Egameni lam bayakukhupha iidemoni; bayakuthetha ngeelwimi ezintsha; Bayakuphatha iinyoka; nokuba bathe basela into ebulalayo, ayikukhe ibenzakalise bona; bayakubeka izandla phezu kwemilwelwe, iphile.
YOHANE 14:12	Inene, inene, ndithi kuni, Lowo ukholowayo kum, imisebenzi endiyenzayo mna uyakuyenza naye yena; nemikhulu kunale uya kuyenza; ngokuba mna ndisiya kuye uBawo.
IZENZO 19:12	Ngokokude kusiwe nakwimilwelwe iiqhiya nokuba yimibhinqo ivela emzimbeni wakhe, kwaye izifo zasuka kubo, bathi noomoya abakhohlakeleyo baphuma kubo.
TESAL I 1:5	Ngokuba iindaba ezilungileyo zethu azibangakho kuni ngantetho yodwa, kodwa zabakho nangamandla, nangoMoya oyiNgcwele, nangenkoloseko enkulu; njengoko naziyo ukuba saba ngabanjani na phakathi kwenu ngenxa yenu.
YAKOBI 2:18	Wosuka, omnye athi, Wena unokholo, ke mna ndinemisebenzi: ndibonise ukholo lwakho olungenamisebenzi, nam ndokubonisa ngokwemisebenzi yam ukholo lwam.
YAKOBI 2:20	Uyathanda na ukwazi, mntundini ungento, ukuba ukholo olu ingekho umisebenzi lufile?
YAKOBI 5:14-15	Kukho mntu na phakathi kwenu ugulayo? Makabizele kuye amadoda amakhulu alo ibandla; athandaze wona phezu kwakhe, akuba emthambisile nge-oli egameni leNkosi: wothi umthandazo wokholo umsindise lowo ugulayo, iNkosi imvuse; nokuba ebethe wenza isono, ziyakuxolelwa.
YAKOBI 5:16	Xelelanani iziphoso, nithandazelane, ukuze niphiliswe. Sinamandla kakhulu isikhungo selungisa siyeyisa.
PETROS I 2:24	Owathi ngokwakhe izono zethu wazithwala ngomzimba wakhe emthini, ukuze sithi, sifile ngakwizono, siphilele ebulungiseni: omivumbo yakhe naphiliswa ngayo.

IZALATHISO

UMOYA KA-ELIYA

OOKUMKANI II 2:15	Xa bambonayo oonyana babaprofeti ababeseYeriko malunga naye, bathi, Umoya ka Eliya uhleli phezu ko Elisha. Baza baya kumkhawulela, baqubuda kuye.
ISAYA 40:3-4	Ilizwi lomemezayo entlango, yigeceni indlela kaYEHOVA, tyenenezelani uThixo wethu umendo enkqantosini. Yonke imifula mayinyuswe, zonke iintaba neenduli zigungxulwe: iindawo ezimagqagala zibe zithabazi: nemixawuka ibe ziintili:
MALAKI 3:1	Yabona, ndiya kuthuma umthunywa wam, uyakugeca indlela phambi kwam: kwaye iNkosi, leyo niyifunayo, iya kuza ngesiquphe etempileni yayo, kwa umthunywa womnqophiso, lowo nimlangazelelayo: yabonani, uyeza, utsho uYEHOVA wemikhosi.
MALAKI 4:5-6	Yabonani, ndiyakuthumela kuni u-Eliya umprofeti ingekafiki imini enkulu eyoyikekayo kaYEHOVA: kwaye wobuyisela iintliziyo zooyise kubantwana, neentliziyo zabantwana kooyise, hleze ndize ndilichithe ilizwe ngokuliphanzisa.
MAT 11:10 (Marko 1:2, Luka 7:27)	Kuba lo ngulowo, kubhaliweyo ngaye, Yabonani, mna ndiyasithuma isithunywa sam ngaphambi kobuso bakho, esiya kuyilungisa indlela yakho phambi kwakho.
MAT 11:14	Kananjalo ukuba niyavuma ukwamkela oko, yena ngu Eliya, lowo bekuthiwe uzakufika.
MAT 17:11-12	Uphendule ke uYesu wathi kubo, Okunene kufika u-Eliya tanci, abuye azimise zonke izinto. Ke ndithi kuni, u-Eliya uselefikile, abamazanga, basuka benza kuye konke abakuthandayo. Kwangokunjalo uNyana womntu uza kuva ubunzima ngabo.
LUKA 1:17	Yena uyakuhamba phambi kobuso bayo enomoya enamandla ka-Eliya, ukuba azibuyisele iintliziyo zooyise kubantwana, nabangevayo kuko ukuqoda kwamalungisa; alungisele iNkosi abantu abalungisiweyo.
LUKA 3:4 (Mat 3:3, Marko 1:3, Yohane 1:23)	Njengoko kubhaliwe encwadini yamazwi ka-Isaya umprofeti, esithi, Izwi lodandulukayo entlango, Yilungiseni indlela yeNkosi, wutyenenezeni umendo wayo.

Xa ufuna ingcombolo ngakumbi malunga nolungiselelo lukaMfundisi uWilliam Marrion Branham kunye nendlela ezinokufumaneka ngazo iintshumayelo zakhe, nceda qhagamshela:

www.umyalezo.org

okanye

Voice Of God Recordings Inc.
South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay
7140 Western Cape, Republic Of South Africa
+27 (21) 8563110
www.branham.org

www.umyalezo.org